Isalathiso: 20200203-3929
Inombolo yefayili: 12/5/P
Imibuzo: R Manuel

ISetyhula: 0006/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KuBalawuli beZithili, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko ze-*Specialised Learner and Educator Support (SLES)),* ezeeNkonzo zeNkxaso kwiMfundo eneeMfuno ezizodwa (*Specialised Support Services)* nakwiiNqununu nooTitshala kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente

Isishwankathelo esifutshane: *Ukuqaliswa kwenkqubo yokusetyenziswa kwekhompyutha (online function) ukuncedisa abazali ekulandeleleni izicelo zabo zokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente kwi-School Admissions Management Information (SAMI).*

ISihloko: Ukuqaliswa kwenkqubo yokusetyenziswa kwekhompyutha ukulandelela izicelo zokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizizodwa zikarhulumente

1. Le setyhula yazisa izikolo ngokuqaliswa kwenkqubo yokusetyenziswa kwekhompyutha ukuncedisa abazali ekulandeleleni izicelo zabo zokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente.

2. Isistim i-*School Admissions Management Information (SAMI)* yezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa yimodyuli ekwi-*CEMIS* emakungenwe kuyo ngumlawuli we-*CEMIS* wesikolo ukufaka zonke izicelo ezifunyenwe sisikolo ezivela kwisithili.

3. Izicelo zokufakwa kwabafundi abaneemfuno ezizodwa azithunyelwa ngokuthe ngqo esikolweni kodwa ziqala zigqithiswe kwi-ofisi yesithili.

4. Zonke izicelo zokufakwa kwabafundi kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa mazilandele i-*Learner Support Pathway* yaye mazingeniswe kwi-*District Based Support Team (DBST*) njengoko kucacisiwe kuMgaqo-nkqubo weSebe leMfundo esiSiseko *(Department of Basic Education's (DBE*)) omalunga noKuhlolwa, uKuqatshelwa noVavanyo neNkxaso *(Screening, Identification, Assessment and Support (SIAS)*), 2014.

5. Izicelo ezifunyenwe kwi-*DBST* ziya kurekhodwa kwiziko ledatha kwi-ofisi yesithili. I-*DBST* iya kuthumela izicelo kwisikolo semfundo eneemfuno ezizodwa ekufunwa kuso indawo yokufaka abafundi.

6. Umlawuli we-*CEMIS* wesikolo semfundo eneemfuno ezizodwa makenze oku kulandelayo ukungena kwi-*SAMI* kwi-*CEMIS*:
   a) Loga kwi-*CEMIS*.
   b) Klikha ku-"*Administration"*
   c) Khetha u-"*School Admissions (SAMI)"*.

7. Isistim ye*SAMI* iya kuzivumela izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ukuba:
   a) Zifake amanani obhaliso acwangcisiweyo
   b) Zifake izicelo zabafundi
   c) Zisayinele amanani obhaliso acwangcisiweyo
   d) Zijonge iingxelo ezingabafundi abamkelwe kwizikolo ezininzi.

8. "Imeko yesicelo somfundi" kwifom yesicelo imele ukufakwa njengethi "Sisaqwalaselwa" de kubanjwe intlanganiso yokuhluza uluhlu lwezicelo/yokufaka abafundi kwizithuba (*sifting/placement meeting*) nokuba sivunywe isicelo nguMlawuli weCandelo lokuNika iNkxaso kwiMfundo eBandakanya Bonke aBafundi nakwiiMfundo eneeMfuno eziZodwa.

9. Ukuba izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zifuna iingcebiso nenkxaso nokuba yeyiphi na, zinokuqhagamshelana nomphathi weprogram wephondo ojongene neso sikolo.

10. Kucelwa iiNqununu neeNtloko ze*SLES* ukuba zazise ngokuqulethwe yile setyhula kubo bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA : 2019-12-19